

**The tragic deaths of initiates in Mpumalanga  
(Ukufa okumasikizi kwa bakhwetha eMpumalanga)**

**Hon IS Mfundisi**

**Wednesday, 29 May 2013**

Sihlalo obekekileyo,

Umbutho i-UCDP udlulisa uvelwano olungazenzisiyo kwiintsapho zabo bathe basutywa kukufa bengabakhwetha eMpumalanga. Akuhlanga lungehliyo ntozakuthi, silila kunye nani sivelana nabo bonke ubuhlungu enikubo ngalo mzuzu. Ukufa kona ngenene akunasimilo, kodwa njengoba amaKrestu esitsho, kusaya kubhujiswa nako ngeny'imini.

Xa kusakhiwa isizwe kumele sincomane iindawo ezincomekayo ze sikwazi ukugxeka xa kukho amakhwiniba. Kwiminyakana edlulileyo, iphondo leMpuma Koloni likhe laduma kakubi ngenxa yezinga eliphezulu lokubhubha kwabakhwetha esapha. Isebe lezempilo phantsi koGqirha Goqwana lahambela phezulu kuzanywa ukufumana izisombululo. Noko besekhona nje abakhwetha abaye bangabuyi, kodwa umahluko waba mkhulu kakhulu, izinto azifani azimntakaNgqika. Simele ke ze siyincome lonto ukuze namanye amaphondo analengxaki akhangele ngobuchule, mhlawumbi angafunda nto.

Ezinye zezinto ezincomekayo abazenzayo, kukubuyisela isizwe eMbo kuba kaloku isiko lokwaluka lisiko lesizwe, hayi elomzi ngamnye. Kwabaluleka ke ngoko ukuba izisombululo ekuziwa nazo zihlalutywe sisizwe, abazali babe negalelo njengoba kufanelekile. Uninzi lwelali ke nangoku, xa ungayayo ziyamkele into yokuba amakhwenkwe azakoluka kumele aqale ekliniki, afumane imvume kwabafundele ezempilo, echaza ukuba imizimba yabo ikulungele na ukumelana nolwaluko. Ayphazamisani nasiko lonto. Kumele xa sishukuxa imiba yesiko, sikwenze oko ngobunono. Ukuzidla kwesizwe kusemasikweni aso. Amangenelo esiwafakayo kumele ahloniphe isiko, kulula ukuba amkeleke xa enjalo.

Wonk'ubani uyachaphazeleka kwingxaki enje, kwaye wonk'ubani unegalelo anokulidlala. Mandulo phaya kuyacaca ukuba yayingekho lengxaki sijongene nayo kule mihla. Akululanga ke ukuba sithi masibuyele kubugqi bamandulo ngenxa yokuba ubugqi nenkcubeko yomzi ontsundo ayibhalwanga, izisele zenyathi akulula ukuzifumana. Isebe lenkcubeko namasiko ke kumele liqwalasele iindlela esinokuthi ngazo sigcine amachiza ethu emveli, iintsingiselo ezisemasikweni ethu, neemfundiso zonke ezithwelwe zizithethe zethu.

Watsho enyanisile owayesakuba ngumongameli u Gqira Mandela xa ethi ukwaluka "is a kind of spiritual preparation for the trials of manhood". Kumele ke ngoko sifundisane sisizizwe nezizwana, ukuba ehlathini sibasa kuvutho ndaba oonyana bethu, kona simele sibafundise besakhula ukuba bayigcina njani imizimba yabo ukuze imelane noluvutho-ndaba, futhi sibafundise ukuthobela nokulandela imithetho nemiqathango. Sibafundise ukuhlonipha iziphatha-mandla, ngoba iziphatha mandla zesehlathini yingcibi, likhankatha namadoda asele eyihambile le ndlela awelela ngaphesheya.

Isebe lezentlalo-ntle, linoxanduva lokufundisa abahlali ukuhlalisana, ukubonisana, ukumanyana, ukuncedisana, nokuphathisana. Ngokommo, ingcibi ityunjwa ngabahlali, kuba izibonakalisile isakhono sayo, ukuthembeka kwayo, nendlela eziphetho ngayo. Akukhethwa nje noba ngubani na; futhi ikhaya ngalinye alikhethi nje kuba limthandile umntu ozakuphatha unyana walo. Ukhethwa ngabahlali, sisizwe. Xa sinobuyela kulo ndawo, singayisombulula le ndawo yoonkqalintloko abathanda nje imali bazenze iingcibi bengakwazi.

Kona kona, isebe lezempilo linendima enkulu kulo mba. Kungoko isothusa kakhulu kanti lenyhikityha yenzeke eMpumalanga ibiphantsi kwesebe eli, futhi ihanjelwa ngabasebenzi besebe. Kuyacaca ukuba mninzi undonakele kuhlobo eliwuphatha ngawo umcimbi lo. Kumele isebe eli likhumbule ukuba, ibhoma ayisosibhedlela, asiyondawo esisa kuyo abantu abagulayo, sisa kuyo amakhwenkwe ukuze afunde ukuba ngamadoda, Ngoko ke amangenelo esebe awamele ukuze aqale ebhomeni, amele ukuze aqale ebahlalini nasezikolweni. Ukuba lona lingenelela xa oonyana sebesehlathini, ithi lonto isebe libetha inyoka esiqwini futhi ke aliwenzanga umsebenzi walo.

Into enidanisileyo mna kukuthi kucacemhlophe uba lamakhenkwe ebengena boma; bangenwe yinqele kakhulu.

Wona ke amapolisa amele enze umsebenzi wawo. Mabatshutshiswe bonke abo ababeke esichengeni ubomi boonyana bethu ngenxa yokuthanda imali nangenxa yokukhohlakala. Bubugebenga obo, futhi ke umthetho ukholo lonto. Bangababulali qha qwaba. Xa beyekwa bangatshutshiswa, baqhubeka nokuhlazisa isiko lethu elidala nelinenkqayi, futhi basenza intlekisa ezizweni.

Simele ke ngoku ze sihlabe umkhosi kwinkosi zezizwe nezizwana, Yeyele ntozakowethu. Kumele zesidibanise iintloko sonke sizamazamana nezisombululo, sikhangele tanci ukubo siyiphosa phi na, futhi sijonge ukuba simele ze songeze ntoni-na kulwazi lwethu lemveli ukuze sikhusele oonyana bethu.